

Vuk'uzenzele

**JOBS
INSIDE:**

Produced by Government Communications (GCIS)

isiXhosa/English

| Edition 1 July 2016

President's visit brings hope



President Jacob Zuma spends time with residents of Kwaggafontein in Mpumalanga during a recent visit to the area.

Chris Bathembu

President Jacob Zuma's recent visit to Kwaggafontein in Mpumalanga has left residents hopeful that the visit will change their lives for the better.

The small Mpumalanga town, located in the Thembisaire Hani Local Municipality in the Nkangala District, is the latest to be visited by President Zuma as part of the recent Siyahlola Presidential Monitoring tour.

Siyahlola is a programme that allows the President to interact directly with communities and monitor government's performance.

Speaking to *Vuk'uzenzele*, locals were specific about the issues they want to discuss with the President. Top of their list was the scarcity

of water followed by unemployment and issues related to housing.

"The Siyahlola programme is designed to allow the President to come and see for himself what is happening on the ground. My visit here follows

"Our visit today is a step to promote the performance of municipalities. We are happy to visit a municipality that had faced enormous problems which is now improving," he said.

President Zuma also con-

"Our visit today is a step to promote the performance of municipalities. We are happy to visit a municipality that had faced enormous problems which is now improving."

an earlier visit I paid to Marabastad in Pretoria where people pleaded with me that I come and visit Kwaggafontein," President Zuma said.

He told the gathering of more than 1 000 people that local government is a very important sphere of government as it is the one closest to people.

gratulated the provincial government for eradicating the bucket system by 98 percent over the past year. He also indicated that the Department of Transport was to rehabilitate the notoriously dangerous Moloto Road.

"A decision has been taken and construction will begin in September and the work

will be in stages with the first critical 25 kilometres set to receive priority."

In his response to some of the issues raised by community members, President Zuma said government had taken note of the high unemployment rate in the area and that it had been trying to mitigate the problem through the Community Work Programme (CPW). CPW provides work opportunities for more than 1 000 people in the area twice a week.

To deal with water shortages in Kwaggafontein, President Zuma said, among other interventions, a new water reservoir and pipeline would be built in nearby KwaMhlanya.

The President also handed over keys to refurbished houses to several beneficiaries in the local township. ▶



**Nelson
Mandela Bay
has big plans**

Page 5



**Transnet
launches
training
programmes**

Page 8

**NSFAS
application
system**

Page 9

Ukusebenzisa ubuchwephesheshe ukubala iibhedi

Albert Pule

ISebe lezeMpilo laseGauteng liqalise iNkqubo yoLawulo IweeBhedi eSebenza ngeKhompyutha (i-eBMS) ukunciphisa ixesha lokulindela iibhedi.

UMphathiswa wezeMpilo wePhondo (u-MEC) uQedani Mahlangu uthe i-eBMS lelinye lamalinge okuqala weli sebe okuphucula iinkonzo zeze-

ezinye izibhedele – ezifana nezibhedele ezipantsi kweSibhedele iSteve Biko – zilinciphise kangangeeyure ezimbini ubuncinane ixesha lokulinda kwezigulana.

IziBhedele eziPhantsi kwesiBhedele iSteve Biko ziQuka isibhedele saseTembisa, esesiSithili saseTshwane, iKalafong, esaseMamelodi nesaPretoria West.

Izibhedele zaseGauteng zinyanga izigulane ezingumyinge ozizigidi ezingama-27.7 ngonyaka kwaye amaxesha amaninzi azibi nazibhedi zaneleyo.

Ukuhlangabezana noku, isebe liye lalinga le nkqubo ye-eBMS kwiSibhedele iSteve Biko phaya ekuqaleni kwalanya. Ngenxa yempumelelo yayo iza kuqaliswa kuzo zonke izibhedele ezipantsi kwesiBhedele iSteve Biko.

Abasebenzi besibhedele nabaphathi bayincomile le nkqubo ye-eBMS. Ngoku bayakwazi ukukhangela ukubakho kweebhedi kuzo zonke izibhedele ezipantsi kweSibhedele iSteve Biko ukuze bakwazi ukunceda izigulana.

Inkqubo yobuchwephesheshe obuxananazileyo obuqulethe



Izibhedele zaseGauteng zinyanga izigulane ezingumyinge ozizigidi ezingama-27.7 ngonyaka.

zonke iinkqubo zothungelwano benza ukuba kufumanekе ulwazi nge-intanethi kwikhompyutha okanye kwizixhobo eziphathwayo ezifana neselula nee-tablet.

Ngolwazi lwe-eBMS abasebenzi basesibhedele baykwazi ukuthatha izigqibo

“Ezinye izibhedele zilinciphise kangangeyure ezimbini ubuncinane ixesha lokulinda kwezigulana.”

zexesha elifutshane nezexsha elide. Amaxesha okulinda ancitshisiwe kwezinye izibhedele kwaye zifikelela

ekusetyenzisweni ngcono kwamagumbi ezigulane kunye nabasebenzi.

Ukuquuzelela iinkonzo zazo, iiNkonzo zezoNyango zikaXakeka zaseGauteng nazoziza kusebenzisa le nkqubo xa zisisa izigulana ezibhedele.

ISibhedele iKalafong, e-Attaridgeville, entshona yePitoli, siyinxalenye yezibhedele zasePitoli.

“AbezoLawulo basebenzise i-eBMS ukuthatha izigqibo zokususa iibhedi kumagumbi ezigulane ebezikuwo zithu nyelwe kwamanye amagu mbi,” utshilo uGq Khin Htwe, ongumlawuli wecandelo elithile leSibhedele iKalafong, wongeza esithi ezinye iibhedi zisusiwe kumagu-

mbi ezigulane angaxakekanga zasiwa kulawo asoloko exakekile.

“Oko sithe sanale nkqubo ukususela ekuqaleni kweyoMqungu, iKalafong sele inciphise ixesha lokulinda kwicandelo likaxakeka kangangeeyure ezimbini,” utshilo. Wongeze wathi le nkqubo ikuphucule ukwenza elubala nokukhathalelwka kwezigulana kuzo izibhedele ezikulo mmandla.

U-MEC uMahlangu uthi ulindlele ukuba le nkqubo iza kuba sele iqalisiwe ukusetyenziswa ngokupheleleyo kulo lonke elaseGauteng ekupheleni kowama-2016. □

INQAKU LOLWAZI

Inkqubo yekhompyutha eequalthe zonke iinkqubo zothungelwano, ikwaziwa njengenkubo yekhompyutha esebezena nge-intanethi, iluhlobolwekhompyutha olusebenza nge-intanethi olubonelela ngokwabelana ngemithombo yenqubo zokusebenza novimba weenkukhacha kwiikhompyutha nezinye izixhobo ezidingeka kakhulu.

mpilo ngokusebenzisa ubuchwephesheshe.

Ngokusebenzisa i-eBMS

Ukusebenzela ukuphelisa ukusweleka kwabakhwetha



Umphathiswa woLawulo IweNtsebenzwano neMicimbi yezeMveli (i-Cogta) uDes van Rooyen.

Urhulumente ukwiphu-lo lokulwa ukusweleka kwabakhwetha, abayokwaluka ukuze babe ngamadoda.

UMphathiswa woLawulo IweNtsebenzwano neMicimbi yezeMveli (i-Cogta) uDes van Rooyen uthe abazali kufuneka baqinisekise ukuba abantwana babo babuyela emakhaya be-

philile ngokusebenzisa amabhoma namaziko olwaluko asemthethweni kuphela.

“Ukhuseleko Iwabafana namakhwenkwe asiloxanduva lukarhulumente kuphela koko ikwaluxanduva loluntu.

“Amabhoma namaziko anenkathalo awasokuze oluse amakhwenkwe ngaphandle kwemvume yabaZali bawo kwaye asebenza ngokwemigaqo yezempilo karhulumente,” utshilo uMphathiswa xa bekumiselwa iphulo, i-Zero Deaths Campaign kutshanje.

I-Zero Deaths Campaign yeli sebe imiselwe emabhomeni olwaluko, njengokuba ixesha lolwaluko lasebusika seliqalile.

UMphathiswa uVan Rooyen uthe ngabakhwetha abamalunga ne-101 abasweleke ngexsha lolwaluko lasebusika ne-lasehlotyeni lowama-2015. Uninzi lwaba baswelekayonga-baseMpuma Koloni.

“Asikwazi ukuhlala nje sisonge izandla singenzi nto ngeli xesha abakhwetha beqhubeka besweleka okanye bephulukana namalungu wabo umphelo,” wongeze watsho.

UMphathiswa uthe eli sebe liza kuqhubeka ukusebenzisa na neNflanganisela yezobuLungisa ukuqinisekisa ukuba abo baxhwila abafana abasebanci-

“Asikwazi ukuhlala nje sisonge izandla singenzi nto ngeli xesha abakhwetha beqhubeka besweleka okanye bephulukana namalungu wabo umphelo.”

nane kwakunye nabo bathi bavule amaziko olwaluko angekho mthethweni nangeenjongo zokwenza imali baza

kudibana nekati iphung’umhlizi.

“Asikwazi ukuvume-la [imeko] apho abantu aba ngaqeqeshwanga naba ngenamava ukuba baxhaphaze abakhwetha baze babaphathe ngokungenabantu, kuze oko kuhokelele ekuswelekeni kwabo,” utshilo uMphathiswa uVan Rooyen.

Ekufuneka ukwazi

Kwiziko lolwaluko kufanele ukuba

1. Kubekho imvume yomzali.
2. Amakhwenkwe axi-longwe ngaphambi kolwaluko ngugqirha osemthethweni.
3. Umkhwetha lowo kufanele abe ubhalisiwe kwabasemagunyeni abafanelekileyo (iinkokheli yemveli, umasipala, urhulumente wephondo. □

Ukuba ngaba awuqinisekanga ukuba ibhma okanye iziko elo lolwaluko lisemthethweni, qagamshelana nenkokheli yemveli kwindawo ohlala kuyo, okanye tsalela umxeba ongahlawulelwayo ukuze ufumane inkcazelot ethe vetshe kwa-0800111166.

Kwenzeka ntoni kwibhoma okanye kwiziko lolwaluko elibhalisiwe ngokusemthethweni?

- Ukuxilongwa kwabakhwetha ngumongi obhalisiwe okanye unompilo.
- Ukutyelwelwa ngabazali nabantu abadala imini nobusuku yonke imihla.
- Ubonelelwka ngamanzi, xa kukho imfuneko.
- Uthunyelwelwa ngokukhawuleza esibhedelele xa kukho imfuneko.
- Ukuphathwa gadalala akukho mthethweni kwaye akuvumelekanga. Nabani na ofunyaniswe ephatha gadalala abakhwetha uza kabanja atshutshiswe.
- Izyobisi azivumelekanga ebhomeni okanye kwiziko lolwaluko.

Zonke izenzo ezingekho mthethweni kufuneka zibikwe kumapolisa akufutshane okanye utsalele kwa-10111.

UTransnet umisela iinkqubo zoqequesho

Albert Pule

Ukuba ngaba ungum-fundi weBanga le-12 waseMzantsi Afrika onezipumo ezincomekayo kwizibalo nenzululwazi uTransnet uyakufuna.

Eli qumrhu likarhulumente limisele iphulo lokubonelela ngemali yokufunda ebonelela ngenkxaso yemali yokufunda ezibonelelo ezili-170 ne-nkubo yoqequesho yeeNgcalo zoCwangciso-mali.

Isithethi sakwaTransnet u-Mboniso Sigonyela uthi bagxile kwizakhono ezi-nqabileyo kwezobunjineli nezocwangciso-mali ukome-leza isiseko sezakhono sa-kwaTransnet.

U-Transnet ubekel bucala imali ezibhiliyoni eziyi-7.6 zeerandi kule minyaka ili-10 izayo ukwenzela uphuhliso lwezakhono nekxaso-mali yokufunda njengenxaleny yokuqhube ka nenqubo yabo yotyalo-mali kwizise-ko ezingundoqo ezibhiliyoni ezingama-380 zeerandi. I-mali emalunga ne-1.2 yebhili-yoni yeerandi iza kuchithwa kwinkxaso-mali yokufunda.

Le nkxaso-mali yokufunda yeyabafundi abafunda ngokusisigxina kwizifundo zeSidanga kwezobuNjineli okanye iSidanga seNzululwa-



U-Transnet ubekel bucala imali ezibhiliyoni eziyi-7.6 zeerandi kule mi-nyaka ili-10 izayo ukwenzela uphuhliso lwezakhono.

zi kwezobuNjineli kuyo na-yiphi na iDyunesithi kwe-zaseMzantsi Afrika kwezi-zifundo:

- ubunjineli bezokwakha
- ubunjineli kwezombane (amaza asebenza ngamanbla amakhulu)
- ubunjineli be-elektroniki
- ubunjineli kwe-zokuhanda oomatshini

• ubunjineli kweze mzi-mveliso kunye nobunjineli bobugcisa bokunyibilisa isinyithi nokusebenza ngaso (ngokupathwayo).

“Le nkxaso-mali yokufunda ihlawula zonke iindlenko, kuquka imali yokufunda, indawo yokuhlala nokutya, imali-sibonelelo seencwadi, ikhompyutha (ukususela ku-

nyaka wesibini ukuba kukho imfuneko), kunye noqequesho lwasemsebenzini,” utshilo uSigonyela.

Kulo nyaka uphelileyo, uTransnet unikezele ngenkxa-so-mali yokufunda kubafundi abangaphezu kwe-150 kwaye uxhosa abafundi abangaphezu kwama-500. Ukususela ukumiselwa kwsikimu sa-khe senkxaso-mali yokufunda ngowe-1994, u-Transnet uxhase ngemali abafundi abangama-3 288.

U-Transnet bakwabonele-la ngenkqubo yokufundi-sa yeminyaka emithathu kwabo baneSatifikethi kwiThiyori yoCwangci-so-mali (i-CTA) okanye iSidanga seNzululwazi kwezoCwangciso-mali kwiziFundo zoCwangciso-mali kwezeZimali (i-BCompt (Hons)) okanye izifundo ezilingana nayo.

Inkqubo ka-Transnet yokuqequesha iingcali kwe-zocwangciso-mali yamkelwe liZiko loMzantsi Afrika lee-Ngcali kwezoCwangciso-mali (i-SAICA) kwaye ukwabonelela ngamava aphathekayo asemsebenzini ekwanceda nangamalungiselelo okubhala iimviwo zokugqibela.

Le nkqubo iquka uqequesho olunzulu kwezolawulo lwezezimali, ezolawulo kwe-

Okufunekayo Ukuze Ufumane libhasari

Abafundi beBanga le-12 baseMzantsi Afrika abafumene iziphumo ezincomekayo kwizibalo nenzululwazi.

INkqubo yoQeqesho IweeNgcali zezoCwangciso-mali

Eyona nto isisiseko ifunwayo siSatifikethi kwiThiyori yezoCwangciso-mali (i-CTA) okanye i-BCompt (Hons)/unyaka wokugqibela. Abafundi be-CTA abenza unyaka wokugqibela nabo bangazifaka izicelo.

Ukufaka izicelo kuvuleleka kuze kuvalwe kweyeKhala qho ngonyaka.

zokuthathwa kwezigqibo, ezocwangciso lwezezimali, ezophichotho-ncwadi lwanga-phakathi nezolawulo lwequm-rhu, ezophichotho-ncwadi no-qinisekiso nezerhafu.

Oku kukwaquka nezakhono ezelulutho emsebenzini ezifana nokukwazi ukusebenzisa-na nabantu nonxibelewano, ingqiqo, ukuziphatha wena buqu, nezakhono zokuququzelala nezolawulo. **V**

Ngolwazi oluthe vetshe, tyelela iphepha lamakhondo kwa-www. transnet.net

Nkuri village gets a new library

Albert Pule

Norah Ngoveni of Nkuri village in Giyani, Limpopo, dreamt of having a community library.

She wrote to Deputy President Cyril Ramaphosa to request a library to meet her community's need for easier access to information and resources.

In response the Department of Arts and Culture handed over a modular library (in a prefabricated building) to the village of Nkuri at the start of June.

Students and community members no longer have to travel 21 kilometres to get

information for their studies, assignments and research.

The modular library is a short-term solution. The construction of a brick and mortar library will start soon.

Deputy Minister of Arts and Culture, Rejoice Mabudafhasi, said the library would serve schools and the community of Nkuri and surrounding villages.

“This modular library belongs to you. Use it, become literate and read together as families. Let us make reading part of our daily lives and let every one of us share a book with a colleague, family, friends and neighbours as a way of enhancing social cohesion,”

she said during the handover ceremony.

The Deputy Minister advised parents to read to their children daily from an early age.

“The heritage you will pass on to the children by reading to them will last forever.”

Grant for libraries

Government has shown its commitment to promoting a culture of reading, through the Community Library Conditional Grant.

The grant aims to better the library sector by improving infrastructure, purchasing library materials, giving free access to the Internet, providing services to the visually

impaired and establishing toy libraries, among others.

Since the grant's inception, 81 new libraries have been built, 343 libraries upgraded and more than 1 400 jobs have been created.

Deputy Minister Mabudafhasi said her department wanted the grant to make libraries the information hubs of each community.

“Our libraries have free access to Internet and updated library materials. This brings equality by making it possible for a library user in a rural area to access the same information as a user in an urban area.”

In 2016/17, the department will build 23 new libraries

FAST FACT



Through the Community Library Conditional Grant
81 new libraries have been built, 343 libraries upgraded and more than 1 400 jobs have been created.

and upgrade 55 existing library structures. **V**

Ukufaka amabango omhlaba kwensiwe kwalula



Abemi boMzantsi Afrika banikwa ixesha kude kube ngumhla wama-30 kweyeSiliMela yowama-2019 ukufaka ibango.

Albert Pule

Ekuqaleni k o w a - ma-2015, iSebe lezo- Phuhliso IwaMaphandle noBuyekezo lweMihlaba limisele ngokusesikweni i-ofisi engumahamba-na-ndlwana yokufaka kwa- mabango omhlaba.

Ii-ofisi ezingoomaha- mba-nandlwana zokufaka amabango omhlaba ziyinxalenye yeNkqubo karhulu- mente yokuBuyiselwa ko-

hlaba.

Inkqubo yokufaka ama- bango omhlaba ivumela abantu ababesuswe ngenka- ni kumhlaba wabo phantsi korhulumente wocalucalulo ukuba bafake amabango aloo mhlaba.

Ukususela ukumiselwa ngokusesikweni, urhulu- mente – nge-Ofisi yoMkhomishinala woBango lweMi- hlabo oyiNtloko namasebe wophuhliso lwamaphandle wamaphondo awohlukaneyo

– ukhuthaze abantu ukuba bafake amabango.

Ukuqinisekisa ukuba ku- fikelelwa kwelona nani liphezulu labantu abanoku- ba ngabafaki mabango, ezi ofisi zingumahamba-na- ndlwana ziza kulihamba lonke eli lizwe ukwamke- la amaba ngo, ukongeza kwii-ofisi ezisisigxina ezili-14 zokufaka amabango ezikuwo olithoba amaphondo.

Ezi ofisi zingumahamba- nandlwana zizithuthi

ezixhotyiswe ngokukodwa ngobuchwepheshe ukuze zikwazi ukusebenza ngo- kufakwa kwezelcelo zoba- ngo lwemihlaba kulo ndawo zikuyo.

Zibhasi ezine kunye nezigadla ezitsala ngawo omane ezhamba naphi na eziza kuthunyelwa kwiindawo ezichongiweyo kule minyaka mine izayo ukuya ekupheleni komhlawa m-30 kweyeSiliMela yowama-2019. ▶

Li-ofisi ezingumahamba-nandlwana eMpuma Koloni

Ukususela kwekaTshazimpuzi, ii-ofisi ezingoomahamba-nandlwana zokufaka amabango zilityhutyhe lonke elaseMpuma Koloni. Apha ngeantsi zinkcukacha zemihla esaseleyo, ezeendawo namaxesha ii-ofisi ezingoomahamba-nandlwana eziza kutyelela ngayo iindawo ezahlukahlukeneyo kwiphondo jikelele:

Umhlala: 04 kweyeKhala ukuya kowe-05 kweye- Khala yowama-2016

Idolophu: eBethelsdorp Indawo: KwiHolo yaseWest End Ixesha: 09h00 – 17h00 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Nandipha Sondati Inombolo yeselula: 072 611 3990 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Bongani Letlaka Inombolo yeselula: 071 287 3622

Umhlala: 06 kweyeKhala ukuya kowe-08 kweye- Khala yowama-2016

Idolophu: eMotherwell Indawo: KwiZiko lezeMidalo i-Raymond Mhlaba Ixesha: 09h00 – 17h00 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Nandipha Sondati Inombolo yeselula: 072 611 3990 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Bongani Letlaka Inombolo yeselula: 071 287 3622

Umhlala: 11 kweyeKhala ukuya kowe-12 yowama-2016

Idolophu: eMthatha Indawo: KwiHolo yeDolphu yase-Port St John's Ixesha: 09h00 – 17h00 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Nandipha Sondati Inombolo yeselula: 072 611 3990

phu yaseMthatha Ixesha: 09h00 – 17h00 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Nandipha Sondati Inombolo yeselula: 072 611 3990

Umntu ekuqhagamshelwana naye: Bongani Letlaka Inombolo yeselula: 071 287 3622

Umhlala: 13 kweyeKhala yowama-2016

Idolophu: eLibode I Indawo: KwiHolo kaMasi- pala yaseLibode Ixesha: 09h00 – 17h00 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Nandipha Sondati Inombolo yeselula: 072 611 3990 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Bongani Letlaka Inombolo yeselula: 071 287 3622

Umhlala: 14 kweyeKhaya ukuya kowe-15 kweye- Khala yowama-2016

Idolophu: ePort St John's Indawo: KwiHolo yeDolphu yase-Port St John's Ixesha: 09h00 – 17h00 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Nandipha Sondati Inombolo yeselula: 072 611 3990

Umntu ekuqhagamshelwana naye: Bongani Letlaka Inombolo yeselula: 071 287 3622

Umhlala: 18 kweyeKhala ukuya kowe-19 kweye- Khala yowama-2016

Idolophu: eLusikisiki Indawo: ISikhululosa- maPolisa saseLusikisiki Ixesha: 09h00 – 17h00 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Nandipha Sondati Inombolo yeselula: 072 611 3990

Umntu ekuqhagamshelwana naye: Bongani Letlaka Inombolo yeselula: 071 287 3622

Umhlala: 20 kweye- Khala ukuya kowama-22 kweyeKhala yowama-2016

Idolophu: eFlagstaff Indawo: eFlagstaff Bargain Wholesaler Ixesha: 09h00 – 17h00 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Nandipha Sondati Inombolo yeselula: 072 611 3990

Umntu ekuqhagamshelwana naye: Bongani Letlaka Inombolo yeselula: 071 287 3622

Umhlala: 25 kweye- Khala ukuya kowama-26 kweyeKhala yowama-2016

Idolophu: eMbizana Indawo: KwiRenki yase-Mbizana ejongene no-Spar Ixesha: 09h00 – 17h00 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Nandipha Sondati Inombolo yeselula: 072 611 3990

Umntu ekuqhagamshelwana naye: Bongani Letlaka Inombolo yeselula: 071 287 3622

Umhlala: 27 Kweye- Khala ukuya kowama-28 kweyeKhala yowama-2016

Idolophu: eMatatiele Indawo: iHolo yeDolphu yaseMatatiele Ixesha: 09h00 – 17h00 Umntu ekuqhagamshelwana naye: Nandipha Sondati Inombolo yeselula: 072 611 3990

Umntu ekuqhagamshelwana naye: Bongani Letlaka Inombolo yeselula: 071 287 3622

Ukususela ngomhla wama-29 kweyeKhala, ezi ofisi zingumahamba-nandlwana ziza kuya kwiphondo la-KwaZulu-Natal.

Yintoni ibango lomhlaba?

Ibango lomhlaba sisicelo esibhaliweyo sokubuyiselwa komhlaba esenziwa ngumntu, ngumntu osisizkulwana esithe ngqo somntu, umgcin-mafa okanye abantu bendawo ethile.

Ngubani onokufaka ibango lomhlaba?

Umntu okanye abantu bendawo ethile abohluthelwa umhlaba emva komhlala we-19 kweyeSiliMela yowe-1913 ngenxa yemithetho yangaphambili enobuhlanga kwaye abangazange bafumane mbuyekezo ifanelekileyo ngexesha abohluthelwa ngalo.

Ngubani ongenakufaka bango?

Abo babelifakile ibango ngaphambili bafe bafumana umhlaba okanye imbuyekezo eyimali akufanelekanga bafake ibango kwakhona kwangelo lungelo kwakuhluthwe lona. Ukuba ngaba wawulifakile ibango ngaphambili kodwa awukafumanu mbuyekezo, qala ngokuqinisekisa kwi-ofisi yephondo ukuba isenalo na ibango lakho langaphambili phambi kokuba ufake ibango kwakhona. Musa ukufaka ibango elitsha ukuba ngaba ibango lakho kusasetyenzwa ngalo. Akukho mthethweni ukufaka ibango lenkohliso ngokungabachazi abanye abantu abasonokuchaphazeleka kwibango elo.

Loluphi ulwazi olufunekayo?

- Ingcaciso yomhlabo, umzigmama lefama, iinombolo yeSiza okanye istandi ukuba sikwindawo eyidolophu
- Unyaka owahluthwa ngawo
- Imbuyekezo eyahlawulwayo ngeloxesa
- linkcukhacha zomntu owahluthelwa ilungelo
- linkcukhacha zomntu ofaka ibango nokuba ulifaka ngabuni ibango elo yena, umz., ngummeli volontu, ngunnyana, ngumabi-mafa, njl-njl.
- Imbalu yokuhluthwa komhlaba lowo.

Ulifaka njani ibango?

Amabango kufuneka efakte kwi-ofisi yokufaka amabango kwifomu eyenze- lwe oko, zize iinkcukacha ezikule fomu zifikwe kwikhompyutha ngexesha lokufaka ibango. lifomu azithunyelwa. Kufanele uye kwi-ofisi yokufaka ibango ukuze ukwazi ukufaka ibango. Unikwa ixesha kude kude ngumhla wama-30 kweyeSiliMela yowama-2019 ukufaka ibango. Li-ofisi ezingumahamba-nandlwana ziza kutyelela izithili ngexesha lokufaka ibango.

Ulilandeleta njani ibango lakho

Ungatsalela umnxeba ongahlawulwayo kwa-0800 007 095 okanye uqhagam- shelane ne-ofisi yephondo ukufumana ulwazi lokuba liqhuba njani ibango lakho.